Isalathiso: 20211129-8371
Inombolo yefayili: 12/16/8/R
Imibuzo: G de Bruyn

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0007/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamaCandelwana namaCandelo (kwaNdlunkulu), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso yeKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeziFundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: Iikhosi neewebhina zophuhliso lobuchule bootitshala eziya kwenziwa e-*Cape Teaching and Leadership Institute* ngo-2022

1. I-*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)* kwakhona iya kuba iqhuba iikhosi neewebhina (*webinars*) zophuhliso lobuchule bootitshala ezivunywe yi-*SACE,* kwiinqununu, kumasekela-nqununu, kwiintloko zamacandelo ezifundo nakootitshala, nokuba kungethuba leekota zezikolo okanye ngeeholide zezikolo. (IsiHlomelo A).

2. Zonke iikhosi eziya kuqhutywa e-*CTLI* ngo-2022 ziya kwenziwa zifumaneke kwiziko lewebhu le-*CTLI*: www.wcedctli.co.za ungadlulanga umhla we-30 Novemba 2021.

3. Iikhosi ziya kuqhutywa ngeendlela ezahlukeneyo yaye ziya kuquka iindibano ezenziwa ku-intanethi, iiseshoni zokudibana ubuso ngobuso, okanye ezidibanisa iindlela ezimbini o.k.t. indibanisela yendlela eqhutywa ku-intanethi kunye neyokudibana ubuso ngobuso. Indlela esebenzayo ichazwe kwisiHlomelo A.

4. Ngenxa yokungakwazi ukuqikelela imisinga (*waves)* ye-*COVID-19* enokwenzeka ngo-2022, kuphela ziikhosi zeKota 1 ekuya kunikwa ingcaciso ngazo ekuqaleni. Inkcazo engaphezulu emalunga neekhosi ezifumanekayo zethuba eliseleyo iya kuhanjiswa kwikota yokuqala ka-2022.

5. Ootitshala abanomdla wokuya kwezi khosi kufuneka babhalise ngokungena kwiziko lewebhu lase-*CTLI* (indlela yokungena nenkqubo yokubhalisa icacisiwe kwisiHlomelo B).

6. Apho iikhosi ziya kwenziwa bekhona ootitshala ubuso ngobuso, o.k.t. iintsuku eziyi-10 ngokuqhubekekayo, iSebe leMfundo leNtshona Koloni liya kuqesha ootitshala ababambeleyo ngethuba lokuqhubeka kweekhosi eziya kuhanjwa ngootitshala e-*CTLI* ngethuba leekota zezikolo, ngokuxhomekeke ekubeni:
   - akukho titshala ungaphezu kwemfuneko esikolweni;
   - utitshala akahlawulwa libhunga lolawulo; yaye
   - utitshala akasebenzi ngoku njengobambele omnye utitshala.

7. Ngumsebenzi oluxanduva lwesikolo ukufumana nokutyumba utitshala obambeleyo ofanelekileyo ukulungiselela utitshala oya kwikhosi ngokomhlathi 6.

8. Inani lootitshala amabaye kwiiseshoni zokudibana ubuso ngobuso liya kuqingqwa ngokweprothokholi zobungakanani bendawo ze-*COVID-19*.

9. Ukufumana ingcaciso engaphezulu ngokumalunga neekhosi zongenelelo ngoncedo ze-*CTLI* ngo-2022, kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana naba baququzeleli beprogram ye-*CTLI* balandelayo:

Igama	**Inombolo yefoni**	**Inombolo yefeksi**	**I-imeyili**
Iikhosi neesemina ezingoLawulo lweSikolo noPhuhliso lobuNkokeli			
Tamaryn Petersen	021900 5035	021900 5114	Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za
Brandon Jantjies	021900 5029	021900 5114	Brandon.Jantjies@westerncape.gov.za
Iikhosi zeSigaba seSiseko neeWebhina zeeLwimi neMathematika			
Magdalena Benn	021900 5016	086 6145151	Magdelena.Benn@westerncape.gov.za
Iikhosi zeSigaba esiPhakathi nesiPhakamileyo neeWebhina zeeLwimi kunye neMathematika			
Natasha Fouché	021900 5018	086 4436276	Natasha.Fouche@westerncape.gov.za
Iikhosi zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi neeWebhina zeeLwimi kunye neZisombululo zeMathematika			
Liesl Robinson	021900 5020	021900 5013	Liesl.Robinson@westerncape.gov.za
Ii-*ICT Integration interventions*			
Christo Davids	021900 5021	086 7316833	Christo.Davids2@westerncape.gov.za

10. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-12-03